URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 19/3/3
Isalathiso: 20240517-3916

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

**Isihloko: Kucelwa izicelo zesithuba sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor*) kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) nezeSatifikethi seMatriki (*SC*) zango-2024/2025**

1. Ukuqinisekiswa komgangatho, ukuziphatha kakuhle, ulawulo nokusingathwa kweemviwo kubalulekile kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo. Ukuqinisekisa ukuba iimviwo zeSatifikethi i-*NSC*/*SC* zithembekile, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) liya kuba lisomeleza ukubekwa esweni kweemviwo kwiphondo liphela.

2. Imimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi ekubekweni esweni kwamaziko ekubhalelwa kuwo iimviwo ngethuba leemviwo icacisiwe kumgaqo-nkqubo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination*, owawupapashwe kwiGazethi kaRhulumente *No.* 31337 yowe-29 Agasti 2008 njengoko ufakelwe izilungiso.

3. ISebe i-*WCED* ngokwenjenje licela ootitshala ababeqeshwe ngaphambili (abadla umhlalaphantsi) okanye amagosa anamava ngokubhalwa nolawulo olufanelekileyo lweemviwo enze isicelo sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor*), ukubeka esweni iimviwo ze-*NSC* kunye/ okanye ze-*SC* zango-2024/2025.

4. Abenzi-sicelo abalindelekileyo mabathobele ezi khrayitheriya zilandelayo:

4.1 Ngokhe waqeshwa ngethuba elingaphambili liSebe i-*WCED* njengomphathi wesekethe, ingcali yemfundo eyintloko, isekela lengcali yemfundo eyintloko, umcwangcisi wekharityhulam omkhulu, umcebisi ngezifundo, ingcali yemfundo eneqhuzu, inqununu,


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

isekela nqununu okanye igosa loviwo (umz., umlawuli oncedisayo, usekela mlawuli, umlawuli).

4.2 Ngonamava eminyaka emithathu ubuncinane njengegosa elingumakhi-mkhanya okanye ekubhalweni, ekulawuleni nasekuphathweni kweemviwo ze-*NSC* kunye/okanye ze-*SC*.

4.3 Ngongenalo irekhodi lolwaphulo-mthetho/ lendlela yokungakwazi ukuziphatha.

4.4 Ngongagqithanga kwiminyaka yobudala eyi-69 phambi okanye ngowe-31 Agasti 2024. Kuya kufuneka isatifikethi senkcazo yezonyango (*medical certificate*) esisuka kugqirha ukungqina ubume bempilo yakhe.

5. Abenzi-sicelo abayi kuqeshwa njengegosa elingumakhi-mkhanya ukuba yena:

- wakha wagxothwa kwinkonzo kulo naliphi na isebe likarhulumente waseMzantsi Afrika;
- wathatha iphakheji yokuziyekela ngokuzithandela emsebenzini (*voluntary severance package*);
- wathatha umhlalaphantsi ngenxa yokungaphili, okanye
- uvavanyo olumalunga neengxaki ezinokubakho ngawe (*your risk assessment*)/iprofayili iveza inkcazo (*legend*) yokungathembeki kwakho engu-"*Risk*"

6. Izicelo mazingeniswe phambi okanye ngowe-**01 Julayi 2024**.

7. Izicelo zinokungeniswa kuphela ngekhompyutha okanye ngefoni eyiselula kusetyenziswa le linki ilandelayo: https://forms.gle/6iJ95VRB7RXZzM6F6 okanye i-QR *code*.

8. Ukongezelela kwisicelo, bonke abenzi-sicelo kufuneka bangenise isivi (*curriculum vitae* (*CV*)) engamaphepha ama-2 ebhalwe abantu abathathu ekunokuqhagamshelwana nabo malunga nomenzi-sicelo. Le sivi kufuneka iquke isikhundla somsebenzi (izikhundla zemisebenzi) owenziweyo njengoko zidwelisiwe kumhlathi 4.1 nenani leminyaka yamava. Ithemplethi yesivi inako ukukhutshelwa *(downloaded)* kule linki ilandelayo: https://shorturl.at/mvY13. **Iisivi mazithunyelwe apha** **Deborah.Williams@westerncape.gov.za** **phambi okanye ngowe-01 Julayi 2024.**

9. Kuya kufunwa la maxwebhu alandelayo xa kuqeshwa:

- ikopi eqinisekisiweyo yesazisi (*ID*);
- ifom yokungqinisisa iinkcukacha zokubhankisha (*Form* Z56);
- isatifikethi serhafu (*tax certificate)* esihlaziyiweyo nesangoku*;*
- ifom yokuXela iiNkcukacha zoMntu (*Personal Credential Disclosure form)* ezalisiweyo;

- ingxelo yokuthembeka nokugcinwa ngokuyimfihlo kwengcaciso kunye
- nefom yokunika imvume ye-*Protection of Personal Information Act*, 2013 (uMthetho 4 ka-2013).

10. Onke amagosa angabakhi-mkhanya aqeshiweyo aya kufakwa phantsi kwenkqubo yokungqinisiswa kweenkcukacha zawo yiNkampani eyi-*Dots Africa* eya kwenza ingxelo yokungqininiswa kweenkcukacha zomntu (*personal credential verification report*). Xa kucelwe ifom yokuXela iiNkcukacha zoMntu (*Personal Credential Disclosure form*) ezalisiweyo nekopi ye-*ID* eqinisekisiweyo ezikwifomathi ye-*PDF* mazingeniswe apha Deborah.Williams@westerncape.gov.za .

11. Amagosa angabakhi-mkhanya aya kuqeshwa ukususela **kowe-13 Oktobha 2024 ukuya kowe-31 Agasti 2025.** Eli thuba liquka iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2024 neze-*NSC/SC* zangoMeyi/Juni 2025. Amagosa angabakhi-mkhanya aya kuxelelwa liSebe i-*WCED* xa kufuneka benze iinkonzo zabo yaye baya kuhlawulelwa iinkonzo abazenzileyo kuphela.

12. Intlawulo yamagosa angabakhi-mkhanya (*monitors*) isekelwe kwiintlawulo ezimiselweyo (*rates*) ezicaciswe kwi-*Personnel Administrative Measures* (*PAM*), njengoko zipapashiweyo kwiGazethi kaRhulumente No. 46879 yowe-09 Septemba 2022.

13. Abakhi-mkhanya kuya kufuneka ukuba bahamba-hambe phakathi kwamaziko yaye kufuneka basebenzise izithuthi zabo ukwenzela iinjongo zohambo. Intlawulo yembuyekezo yamabango ezothutho iya kwenziwa ngentlawulo emiselweyo engatshintshiyo (*fixed rate*) njengoko imiselwe kuxwebhu i-*PAM*.

14. Onke amagosa angabakhi-mkhanya kufuneka aye kwiiseshoni zokufumana ingcaciso noqeqesho lokuba ngabagadi babaviwa nokuba ngamagosa angabakhi-mkhanya oluya kucwangciswa phambi kokuba iimviwo ziqale. Amagosa angabakhi-mkhanya kuya kufuneka ukuba abhale uvavanyo lobuchule nezakhono zomsebenzi (*competency test*) emva kweseshoni yoqeqesho. ISebe i-*WCED* linelungelo lokungaliqeshi okanye lingazisebenzisi iinkonzo ezenziwa ligosa elingumakhi-mkhanya elingayithobelanga imiyalelo neemfuno ezimiselweyo zoqeqesho. Abakhi-mkhanya abayi kukuhlawulelwa ukubakhona kwiiseshoni zoqeqesho.

15. Abakhi-mkhanya baya kufakwa kwizikolo eziqatshelwe njengezisengozini enkulu.

16. Abakhi-mkhanya kuya kufuneka bajoyine intlanganiso eqhutywa ngonxibelewano ngekhompyutha, banike iingxelo zemihla ngemihla yaye benze ingxelo ngazo naziphi na iziganeko/ izitenxo ezenzeke kumaziko okubhalela iimviwo, ngoko ke kufuneka baqinisekise ukuba bayakwazi ukuqhagamshelana nge-intanethi.

17. Kucelwa iinqununu, abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe nabacebisi ngezifundo bazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abenzi-sicelo abalindelekileyo. **ICandelo loLawulo loVavanyo alinakubekwa tyala ngokuba abenzi-sicelo abalindelekileyo bengaziswanga ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane.**

18. ISebe i-*WCED* lithembele kwintsebenziswano nakwinkxaso yenu kulo mbandela ubaluleke kangaka.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-05-22